

ITSHATA YEFAKHALTHI

IYunivesithi yaseStellenbosch, kwiFakhalthi yezoNyango nezeeNzululwazi kwezeMpilo iyavuma, izisola yaye ixolisa ngokwenene ngokuzibandakanya kwimbali yolawulo lwamandulo olwalunezenzo ezingenabulungisa eMzantsi Afrika kananjalo siyaqwalasela impembelelo yendlela olu lawulo luthle lwaqhubeka ngalo lukhuthaza ukungalingani kule mihla. Asihambiselani kwaphela nazo zonke iindlela zocalu-calu, ingcinezelo, izigrogriso kwakunye nokuhlukumeza.

Siyile Fakhalthi, siyazibophelela:

- *Ukubhiyozela zonke iintlobo-ntlobo zeenkubeko ezohlukeneyo kwiikhampasi zethu, kuquka, kodwa kungekho mda umiseweyo: wokuba nobuchule, wesini, wobuni, wemvelaphi, wolwimi, wobuhlanga, wenkcubeko nemo yenkolelo.*
- *Ukuqinisekisa ukuba wonke ubani kwiikhampasi zethu azive emkelekile.*
- *Ekuhlumiseni nasekuxhobiseni iindawo apho umntu nomntu akwazi ukuveza iimbonozakhe ngokukhululekiyo, ngelixa ekwanika ingqalelo yokuhlonipha amalungelo nenkululeko yabanye abantu.*
- *Ekuphuhliseni indawo apho ubani anokufunda, asebenze yaye agqame; ngokuthi ubani nobani axhotyiswe ukuze afikelele kwelona qondo liphezulu ukuze abe ngummi onegalelo nenkxaxheba elizweni.*
- *Ekunonopheleni imfundo, imfundiso, ukusebenza kwakunye neendawo zophando apho sisebenza nabathathi-nkxaxheba ababandakanywayo ngesidima, ngentlonipho, ngobulungisa nangendlela eselubala.*
- *Ekukhuseleni amalungelo abo banke abathathi-nkxaxheba bethu nokuzimisela ekuqinisekiseni ifuthe lempumelelo kwiindawo esinika kuzo iinkonzo.*

Abafundi

- *Siyakuthi sikhuthaze intlonipho efanayo phakathi kwabafundi bethu, abasebenzi kwakunye nabanye abathathi-nkxaxheba.*
- *Sizimisele ukunika abafundi bethu inkxaso kananjalo sibaxhobise ngezakhono eziza kubanceda ukuba bafikelele kwelona qondo liphezulu lokuba nobuchule, inkathalo kunye nendlela yokuziphatha eyamkelekileyo njengabantu abazingali zokusebenza ngezigulane kunye neengcali zeenzululwazi.*

Abasebenzi-kunye

- *Siyazibophelela ukuphatha abo sisebenza nabo ngeyona ntlonipho, isidima nangendlela enobulungisa.*
- *Siyakuzama ukusombulula iyantlukwano ngoxolo ngendlela yokuzigoca-goca, siqaphele izimo zenkcubeko kunye neengxoxo ezinengqiqo eyiyo.*

Izigulane

- *Siyakuziphatha izigulane zethu ngenkathalo, ngendlela elungileyo, isidima kunye nentlonipho.*
- *Siyazibophelela ukugcina elona qondo liphezulu lwendlela esemgangathweni ophezulu owamkelekileyo wokuziphatha kwindlela esisebenzisana ngayo nezigulane.*
- *Senza isibhambathiso sokuba ngabameli bamalungelo kunye nentlalo-ntle yezigulane zethu.*

Uluntu

- *Siyawavuma amava empilo yoluntu esinika iinkonzo kulo sikwalixabisile igalelo labo elamkelekileyo nelifanekileyo kuluhlu lweenkqubo zethu zemfundo kunye neendibano zethu noluntu olo.*
- *Siza kusebenzisana noluntu ngentlonipho njengamahlakani ethu ukuze sinyuse izinga lempilo engcono nokunciphisa ukungalingani entlalweni.*

Uphando

- *Siyakunyusa izinga lophando lwendlela yokuziphatha eyamkelekileyo, ekulula ukufikeleleka kuyo nengqamene neemeko zethu.*
- *Siza kuthatha inkxaxheba kuphando oluzama ukuba abo bathi bathathe inkxaxheba bakuthi baxhamle kuquka noluntu.*
- *Kwiinzame zethu zokusebenzela elona qondo liphakamile lezemfundo, intlalontle yabathathi-nkxaxheba bethu kwezophando iyakusoloko ibekwa phambili ngaphezulu kweminqweno yeengcaphephe kweenzululwazi.*

Indalo esingqongileyo

- *Sibona indalo yethu esingqongileyo ixabisekile yaye ibuthathaka kungoko sizimisele ukuyikhusele ingatshabalali yaye sizama iindlela zokunciphisa amalinge okuyenza ukuba ingaqhubekeki intshabalalo lehle iqondo layo.*

Sibona esi sibhambathiso njengesifundo saleFakhalthi yeZonyango neZeenzululwazi kwezeMpilo kubo banke abathathi-nkxaxheba bethu. Siyavuma ukuba esi sibhambathiso siyakhuthaza kwaye thina singabanye—ngabanye, kuquka amalungu onke ale Fakhalthi yeZonyango neZeenzululwazi kwezeMpilo sinoxanduva lokusithathela ingqalelo esi sibhambathiso. Siya kuqhubeka ukuzibandakanya notshintsho ukuze kwenzeke oku kungentla, ngomoya othobekileyo nonika ithemba, nangendlela ehambelana noMgaqo-Siseko waseMzantsi Afrika.